

IMINGCIPHEKO YEMPILO KUFUPHI NEENDAWO ZOKUFUMBA INKUNKUMA (IITIPHU)

Iindawo zokufumba inkunkuma (iitiphu) zeSixeko saseKapa zilawulwa liSebe lePhondo leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso (DEADP). Ukuze iSixeko silawule ngokusemthethweni iitiphu, kufuneka sithobele imithetho engqongqo ekhusela impilo yendalo esingqongileyo kunye neendawo zokuhlala ezingqongileyo.

Omnye wale migaqo kukunonophela ummandla ojikeleze indawo yokufumba inkunkuma apho kungavumelekanga khona uphuhliso. Oku kungenxa yeegesi ezinokuba yingozi eziphuma kwiindawo yokufumba inkunkuma. Xa sele zisemoyeni, iigesi eziphuma kwiindawo yokufumba inkunkuma zingasasazwa kwimimandla ekufutshane ngumoya.



IINGOZI ZOKUQHUSHUMBA

Igesi ephuma kwiindawo yokufumba inkunkuma ingenza isiqhushumbisi xa idibana nomoya ngokwemilinganiselo efanelekileyo. Ukuba kukho izakhiwo ezivaliweyo kwiindawo kummandla ojikeleze indawo yokufumba inkunkuma, iigesi ezidubulayo zingaqokelelana apho kwaye ziqhushumbe. I"methane" yegesi ephuma kwiindawo yokufumba inkunkuma enokuthi ibangele uqhushumbo. Xa ingaphakathi kwiindawo yokufumba inkunkuma, imilinganiselo yemethane ingaphezulu kwamangqanaba anokuqhushumba, kodwa xa imethane ikhukuliseka isuka kwiindawo yokufumba inkunkuma kwaye ixutywa inokufikelela kumanqanaba okuqhushumba.




UMNGCIPHEKO WOKUPHEFULA (UKUFUTHANISELEKA)

Igesi epphuma kwiindawo yokufumba inkunkuma inokubangela ukufuthaniseleka ukuba iqokelelwa kwiindawo evaliweyo. Inokususa umoya okhoyo ukuze kungabikho ioksijini eyaneleyo yokuphefumla. Naziphi na iigesi eziphuma kwiindawo yokufumba inkunkuma zingabangela ukufuthaniseleka kwiimeko ezifanelekileyo.



EMINYE IMINGCIPHEKO YEZEMPILO

Umsi ophuma kwiinkunkuma yezinto eziphilayo ezibolayo kwiindawo yokufumba inkunkuma ngumxube weegesi ezininzi ezahlukeneyo ezinokonakalisa impilo yabantu xa ziphefumlwe kakhulu, okanye ixesha elide. Enye yeengozi ezixhaphakileyo yi"hydrogen sulphide" (ekwabizwa ngokuba yigesi yogutyulo) - eyaziwa ngokuba ikhona kwigesi ephuma kwiindawo yokufumba inkunkuma. Iimpembelelo zempilo ezinokuthi zibe sesichengeni zixhomekeke ekubeni umntu uphefumla kangakanani kwaye ixesha elingakanani. Iziphumo ezinokwenzeka zisusela kwiintloko okanye ukutshisa kwamehlo ukuya ukungabikho zingqondweni nasekufeni. Abantu banokuba sesichengeni kule gesi ngokuphindaphindiweyo ngaphakathi kwiindawo ejikeleze indawo yokufumba inkunkuma. Kukwakho umngcipheko wezempilo ngenxa yeentshukumo ezinokubakho phakathi kweekhemikhali eziyingozi ekusenokwenzeka ukuba zalahlwa ngokungafanelekanga/ngokungekho mthethweni kwiindawo zokufumba inkunkuma, ngakumbi inkunkuma yamashishini eemveliso.



UKUQUKUMBELA

Iziphumo zempilo zokuhlala kufuphi nendawo yokufumba inkunkuma zingahluka. Ukongeza kwimingcipheko echazwe ngasentla apha, kunokubakho eminye engakuqondwa kakuhle, okanye engekaqinisekiswa. Ukuthintela nawuphi na umonakalo onokwenzeka empilweni, umlawuli (DEADP) ufuna ukuba iSixeko sinonophele ummandla ojikeleze indawo yokufumba inkunkuma. Ukuba ummandla ojikeleze indawo yokufumba inkunkuma, awunonophelwa, ilayisenisi yolawulo lwenkunkuma kwisiza ingarhoxiswa kwaye kubekho iziphumo ezibi kuluntu luphela.



**CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD**

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.